## NDINGA

Ewe ndiyabulela!
Ndinga ndingafana no Abheli
hayi uKhayeni.
Ndibenombulelo, ndibey'intsikelelo
empilweni yakho.

Ndinga ndingafana noSolomon
hay'unyana wolahleko. Ndibenombulelo
ndiyibethelele kumacwecw'entliziyo yam imfundiso yakho.
Ibesisonka sam semihla-ngemihla, ibeliculo lam
kananjalo intonga yam umsimelelo wam.

Kunga kungathi nokuba ilizwe liyatshatyalaliswa, kodwa wena ungasuswa kum kub'intsingiselo yobomi ndiyazi ngcono xa ndinawe.
Xa bendikhangela ilitye lembombo kobubomi
wena uvele sowuyi mbokodo ikakade.

Phantsi kweentshutshiso, iimbandezelo, amajing'iqhiwu
obomi wena uncame konke ukuqinisekisa mna ndikhuselekile.
Wena uxela iSikhukukazi ukundikhusela.
Kaloku asililo ithemba kungengayeza, kodwa uthando lomzali.
Ukhethe ukundipha igama elingu "Luzuko" ukuze ubukho bam
bube luzuko kuThixo osenyangweni.

Uswazi lwakho mna ndiyalubulela, noxa maxa wambi
bendisithi makube awundithandi, phofu ndibethwa bubuntwana.
Kanti lonk'elixesha undihlangula kwiindlela zobumnyama
ilizwe lakwaphalaphala. Nomlom'ubomvu uyatsho ukuba
xa umbetha umntwana awumbulali,
kodwa ugubungela inkitha yezono umhlangula ekufeni.

Xa bendizifanisa nabanye ndifuna ukunxiba ezikaNokutsho,
phofu ndiswele ukwazi. Wena undifundisile ukuba imizi

ifana ngeentlanti kuphela. Undifundisil'ukuba ayikho indlela
yokuqabela intaba ngaphandle koyinyuka, ingekho neya
empumelelweni ngaphandle kokuzingisa.
Tyhini ndatsho ndaqond'ukuba umzingisi akanashwa. Kananjalo
usoze akabekwa ngoba izicwangciso zezomntu kodwa izigqibo
zezikaBawo.

Ndinga ndingayikhumbula loomfundiso nokuba sele
itshoba lilel'umbethe, ilanga litshonile nobusuku bufikile.
Kunga kungalixa aph'uyakuth'ukuzala kuzolula,
konke kuziziqhamo zengqeqesho yakho. Namhlanje
ndichul'uk'nyathela ndiyakwazi okuhle nokubi, ndiyamazi
u "Hayi" no "Ewe" ngabakulobani.
Namhlanje ndingumntu ebantwini ngenxa yakho.

Kulomhlab'umagad'ahlabayo, kulomhlab'ugcwel'impoxo,
kambe kumaxesha anje, ndinga ndingangakuphoxi.
Ndibamba ngazo zozibini ndisithi ngxatsho ke, Maz'enethole
kuwe mama wam!

**- Ngu L.V. Mnyanzeli.**